



## Tips for reading stories

Reading stories to children is a great bonding as well as educational activity. But did you know that there are other simple things you can do that help increase what children learn from the stories you share with them? Here are some activity ideas. Try out one at a time. See which ones work best for you and your children.



### WHILE READING

- ★ As you read, develop your children's **prediction skills** by asking, "What do you think will happen next?" at some parts of the story.
- ★ Encourage children to **express their feelings** and get them **thinking** and **problem solving** by asking questions like, "How would you feel if that were you?", "Do you think that was the right thing to say/do?" and "What would you have said/done if it were you?"
- ★ Ask your children to look closely at particular details in the **pictures**. Let them count, describe, identify or interpret what they see in the pictures.



### AFTER READING

- ★ Together **sing a song** or **say a rhyme** linked to the story.
- ★ Encourage your children to **review** the story by asking them what they liked about it and if there is anything they wished was different.
- ★ Invite children to **draw a picture** of the part of the story they liked the best. If they want to draw something that moves away from the storyline, like a new ending, or if they want to draw themselves as characters, encourage this too!
- ★ **Act out** the story – or part of it – together. Or, just dress up and pretend to be the story characters for an hour or two!
- ★ Get your children **writing**! Let them write a letter to one of the characters. Or, suggest that they write a story of their own that is inspired by the story you have read.



Do you need more advice on reading aloud to children? You can find lots of ideas and guidance in our **"How to guides"** in the **"Storytelling"** section of the Nal'ibali website – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Ingaba ufuna iingcebiso ezithe vetshe ngokufundela abantwana bakho ngokuvakalayo? Ungafumana intlaninge yezimvo nomkhomba-ndlela wethu apha **"How to guides"** kwicandelo elithi **"Storytelling"** kwiwebhusayithi kaNal'ibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## Iingcebiso ngokufunda amabali

Ukufundela abantwana amabali yindlela emnandi yokuchitha ixesha kanti ikwasisenzo sokubaxhobisa ngemfundo. Kodwa ubusazi ukuba kukho nezinye izinto ezingenabugocigoci onokuzenza ezanceda ngokwandisa okufundwe ngabantwana emabalini obabalisela wona? Nazi ezinye izimvo malunga nemisebenzi. Zama lube lunye ngexesha. Qwalasela ukuba loluphi olona lufaneleke kakhulu kuwe nabantwana bakho.

### XA NIFUNDA

- ★ Xa nifunda, phuhlisa **izakhono zokuthelekelela** zabantwana bakho ngokubuza uthi, "Nicinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?" kwiindawo ezithile zebali.
- ★ Khuthaza abantwana ukuba **bavakalise izimvo zabo** ubenze **bacinge** ngokunjalo **basombulule iingxaki** ngokubabuzisa imibuzo efana nale, "Ubuza kuziva njani ukuba ibinguwe lo?", "Ucinga ukuba leyo ibiyinto elungileyo obunokuyithetha/obunokuyenza?" kananjalo "Ubuya kuthini/kwenza ntoni ukuba ibinguwe lo?"
- ★ Cela abantwana bakho baziqwalaselele kufutshane iinkcukacha ezithile **ezisemfanekisweni**. Mababale, bachaze, bachonge okanye batolike abakubona emifanekisweni.

### EMVA KOKUFUNDA

- ★ Ninonke **culani ingoma** okanye **nicengeleze** ivesi **yabantwana** enxulumene nebali.
- ★ Khuthaza abantwana bakho **ukuphengulula** ibali ngokubabuzisa ukuba bathande ntoni kulo nokuba ingaba ikhona na into ebebenqwenela ukuba ibiyahlukile.
- ★ Mema abantwana ukuba **bazobe umfanekiso** wendawo yebali abayithande ngokubalaseleyo. Ukuba bafuna ukuzoba okuthile okungeyonxalenye yebali, njengesiphelo esitsha, okanye ukuba bafuna ukuzizoba njengabalinganiswa, kukhuthaze noko ngokunjalo!
- ★ **Lidlaleni** ibali – okanye inxalenye yalo – nikunye. Okanye, nxibelani umdlalo nizenze abalinganiswa abasebalini nokuba yiyure enye okanye ezimbini!
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba **babhale!** Mababhalele omnye wabalinganiswa ileta. Okanye, bacebise ukuba babhale ibali elilelabo elivuselelwe libali enilifundileyo.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.



# Celebrate friendship

International Day of Friendship is celebrated each year on 30 July. Encourage your children to use reading and writing to explore the importance of friends. Here are some activity ideas.

1. Read and tell stories which have friendship as a theme.

1. Funda uphinde ubalise amabali anomxholo wobuhlobo.


2. Make a string of paper dolls and then write one thing that makes a good friend on each doll. (If your children need help with writing, write down the words they suggest for them.) Colour each doll a different colour.

2. Yenza uluhlu loonopopi bamaphepha uze ubhale into enye ebonisa umhlobo olungileyo kunopopi ngamnye. (Ukuba abantwana bakho badinga uncedo malunga nokubhala, babhalele amagama abawafunayo.) Faka umbala owahlukileyo kunopopi ngamnye.

5. On a large sheet of thin cardboard, write why you like your friend. Draw some pictures of things that you know your friend likes, and/or paste pictures of things that you enjoy doing together. Cut the completed cardboard sheet into about eight puzzle pieces. Put them into a box or bag and give them to your friend to put together.

5. Kwicwecwe elikhulu lekhadibhodi, bhala ukuba kutheni umthanda umhlobo wakho. Zoba imifanekiso ethile oyaziyo ukuba iyathandwa ngumhlobo wakho, kwaye/okanye unamathelise imifanekiso yezinto enonwabela ukuzenza kunye. Sika icwecwe lekhadibhodi eligqityiweyo libe ngamaqhekeza ephazili amalunga nesibhozo. Wafake ebhokisini okanye engxoweni uwanike umhlobo wakho ukuba awahlanganise.

6. Write a poem about friends! On a separate sheet of paper, write down all the words or phrases you think of when you hear the word, "friends". Circle the words or phrases you want to use in your poem. Now write your poem using these words. Add in any other words you need to complete your poem. Give your poem a title. Read your poem aloud!



# Bhiyozelani ubuhlobo

Usuku lweHlabathi lobuHlobo lubhiyozelwa ngonyaka ngamnye ngomhla wama-30 KweyeKhala. Khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise ukubhala ukuze bahlale ukubaluleka kwabuhlobo. Nazi ezinye izimvo ezinxulumene nemisebenzi.

3. Make a Joy Jar for a friend. On strips of paper, write down things that will make a friend feel happy and loved. This could be a personal note, a joke, the name of a song your friend likes, or a reminder of something funny or exciting you did together. Fold up the strips and put them in a jar. Decorate the jar by covering it in paper and then drawing things on it.

3. Yenzela umhlobo iNgqayi yoVuyo. Kwimicu yamaphepha, bhala izinto eziya kwenza umhlobo azive onwabile futhi ethandwa. Kungaba ngumyalezo womntu othile, isiqhulo, ingoma ethandwa ngumhlobo wakho, okanye isikhumbuzo sento ehlekisayo okanye echwayitisayo eniyenze kunye. Songa imicu leyo uyifake engqayini. Hombisa ingqayi ngokuyigquma yonke ngephepha uze uzobe izinto ngezinto kulo.




4. Buy a packet of plain biscuits, like Marie biscuits. Mix some icing sugar with water in a few bowls. (Make sure the mixture is quite stiff.) Add a different food colouring to each bowl. Use a teaspoon to dribble each letter of your friend's name onto a separate biscuit. If your friend has a short name, make flowers and hearts on some biscuits. Let the icing set. Then put the biscuits in a packet and close it by tying a ribbon around it. Give the biscuits to your friend on International Day of Friendship!

4. Thenga ipakethi yebhisikithi ezingazotywanga, njengeMarie. Xuba iswekile yokubhaka namanzi kwizitya ezimbalwa. (Qiniseka ukuba umxube lowo ujiyile.) Galela isijiki-mbala sokutya kwisitya ngasinye. Sebenzisa itisipuni ukubhala ngamachaphaza unobumba ngamnye wegama lomhlobo wakho kwibhisikithi eyahlukanisiweyo. Ukuba umhlobo wakho unegama elifutshane, yenza iintyatyambo neentliziyo kwezinye iibhisikithi. Iswekile yokubhaka mayiqine. Ngoku faka iibhisikithi epakethini uyivale ngokuyibopha ngelaphu eliyiribhoni elibhijelayo. Nika umhlobo wakho iibhisikithi ngoSuku lweHlabathi lobuHlobo!




6. Bhala umbongo ngabuhlobo! Kwicwecwe lephepha elihamba lodwa, bhala phantsi onke amagama okanye amabinzana amagama owacingayo xa usiva igama elithi, "abuhlobo". Biyela kwizangqa amagama okanye amabinzana amagama ofuna ukuwasebenzisa kumbongo wakho. Ngoku bhala umbongo ngokusebenzisa la magama. Fakela nawaphi amanye amagama owadingayo ukugqibezela umbongo wakho. Wunike isihloko umbongo wakho. Wufunde ngokuvakalayo umbongo wakho!





## Collect the Nal'ibali characters



Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Neo

Age: 8

**Family members:** Mbali is his sister; Afrika and Dintle are his cousins; Gogo is his grandmother

**Friends:** Josh, Bella, Priya, Hope

**Favourite colour:** red

**Favourite snack:** ice cream

**Likes stories about:** adventures and pirates



### Here's an idea ...

- ✂ Cut out and colour in the picture of Neo and then paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.
- 🕒 Write a title on the front cover of the book Neo is reading and then draw a picture below the title.
- 🕒 Complete the picture to show where Neo is sitting and reading!
- ✂ Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

## Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa bakho obathandayo bakaNal'ibali ukuze ubasebenzisele ukuyila imifanekiso eyeyakho, iipowusta, amabali okanye nayiphi na enye into onokuyicinga!

### Malunga noNeo

Ubudala: 8

**Amalungu osapho:** UMbali ngudadewabo; uAfrika noDintle ngabazala bakhe; uGogo ngumakhulu wakhe

**Abahlobo:** uJosh, uBella, uPriya, uHope

**Umbala awuthandayo:** obomvu

**Amashwamshwam awuthandayo:** iayisikhrim

**Uthanda amabali anxulumene noku:** izenzo zodelo-ngozi nabaphangi

### Nalu uluvo ...

- ✂ Sika uze ufake umbala emfanekisweni kaNeo wandule ukuwunamathelisa kwicwecwe elikhulu lephepha. Emva koko yenza into enye okanye ngaphezulu kwizinto ezilandelayo.
- 🕒 Bhala isihloko kwiqweqwe elingaphambili lencwadi uNeo uyafundayo uze uzobe umfanekiso ezantsi kwesihloko.
- 🕒 Gqibezela umfanekiso ukubonisa ukuba uNeo uhleli phi futhi efunda phi!
- ✂ Gcina umfanekiso kwindawo enokhuselo ukuze xa sowuqokelele bonke abalinganiswa bakaNal'ibali, ubasebenzisele ukuyila ipowusta eyeyakho kaNal'ibali!

## Are you a FUNda Leader?

FUNda Leaders are everyday heroes who believe in the power that literacy has to shape children's lives – and they are spreading the message across South Africa! These literacy foot soldiers are taking action wherever they are and in whatever ways they can to bring stories and books to children. Nal'ibali's FUNda Leaders are bringing change to the reading landscape in both big and small ways. These volunteers are being the change they want to see! They are sparking change in communities across South Africa.

### Where can I find out more?

Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find out more about the FUNda Leader Programme. You'll also find our special *FUNda Leader Kick-off Kit* on our website. It's filled with ideas about how you can help to get South Africa reading. Download it today and get started!

### How do I become a FUNda Leader?

Joining the FUNda Leader Network is easy! There are two ways in which you can sign up:

- ★ On the Nal'ibali website – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).
- ★ By phoning our call centre – 02 11 80 40 80.



**FUNda**  
LEADER

## UyiFUNda Leader?

IiFUNda Leader ngamaqhawe emihla akholelwa emandleni elitheresi ukubumba ubomi babantwana – yaye ziyawudlulisa lo myalezo kuMzantsi Afrika uphela! La majoni elitheresi ayasebenza kuloo ndawo akuyo nangazo naziphi na iindlela anokwenza ngazo ukuzisa amabali neencwadi ebantwaneni. IiFUNda Leader zikaNal'ibali zizisa utshintsho kwindlela ekufundwa ngayo ngeendlela ezincinci nezinkulu. La mavolontiya alolu tshintsho afuna ukulubona! Alumeke intlantsi yotshintsho ekuhlaleni kuMzantsi Afrika uphela.

### Ndingazifumana phi ezinye iinkcukacha?

Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukufumanisa ngakumbi ngenkqubo yeFUNda Leader. Uya kuba sele ufumana ne*Kiti Yokuqalisa yeFUNda Leader* kwiwebhusayithi yethu. Iqulathe iingcebiso ngendlela ongalufumana ngayo uncedo lokwenza uMzantsi Afrika ufunde. Yifumane kwi-intanethi namhlanje, uqalise!

### Ndingenza njani ukuze ndibe yiFUNda Leader?

Kulula ukuzibandakanya kuThungelwano lweFUNda Leader! Zimbini iindlela ongazibandakanya ngazo:

- ★ Kwiwebhusayithi kaNal'ibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).
- ★ Ngokutsalela umnxeba iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80.



Drive your  
imagination



## Nal'ibali news

Nal'ibali has teamed up with Clowns Without Borders South Africa to put on a series of free literacy-focused shows at libraries in the Eastern Cape, KwaZulu-Natal, Gauteng and Limpopo. These shows – running from March to October 2019 – aim to encourage communities to see their local libraries as exciting places for people of all ages.

Clowns Without Borders South Africa uses creative ways to raise awareness around social development issues and to spread joy. To date, it has reached nearly half a million children and their caregivers. When talking about the importance of getting children and adults excited about libraries, Suzan Eriksson, the Development Director at Clowns Without Borders, says, "Our experience shows us that the performing arts can be used to mobilise children and families in very effective ways."

The shows encourage families to visit their local libraries, to borrow books responsibly and to sign up for library cards. As part of this initiative, Nal'ibali is offering free training and resources to librarians who are interested in running reading clubs at their libraries. "Children need safe, welcoming spaces where they can make choices about the kinds of stories they want to explore, and Nal'ibali is committed to helping them do this," says Jade Jacobsohn, Managing Director of The Nal'ibali Trust. "We want people to discover storytelling in exciting, meaningful ways."

Libraries have a vital role to play in bringing about a reading revolution in South Africa. Research shows that children who read for pleasure, do better at school. But books are an expensive and scarce resource in our country. Libraries offer children and adults reading material for free – and you can visit them as often as you like!



Actors from Clowns Without Borders South Africa performing in their show in KwaZulu-Natal.

Abadlali abavela kwiClowns Without Borders South Africa benza umdlalo kumboniso wabo KwaZulu-Natal.

## Iindaba zakwaNal'ibali

UNal'ibali usebenza njengeqela elinye neClowns Without Borders South Africa ukuhlnganisa uthotho lwemiboniso yasimahla ejoliswe-ekufundeni kwiilayibrari zaseMpuma-Koloni, KwaZulu-Natal, eGauteng naseLimpopo.

Le miboniso – eqala kwinyanga yoKwindla ukuya kweyeDwarha ngowama-2019 – ijoliswe ekukhuthazeni amaqela abahlali ukuba abone iilayibrari zendawo yabo njengeendawo ezichwayitisayo zabantu bazo zonke izigaba zobudala.

IClowns Without Borders South Africa isebenzisa iindlela eziyilayo zokutyhilela abantu imibandela engqonge uphuhliso lwezentlalo nokusasaza uvuyo. Kude kube namhla, ifikelele phantse kwisiqingatha sesigidi sabantwana nabagcini babo. Xa ethetha ngokubaluleka kokwenza ukuba abantwana nabantu abakhulu bazichwayitele iilayibrari, uSuzan Eriksson, uMlawuli woPhuhliso eClowns Without Borders, uthi, "Amava ethu asibonisa ukuba ezobuchule obenziwayo zinokusetyenziselwa ukukhuthaza abantwana neentsapho ngeendlela ezincomeka kakhulu."

Imiboniso ikhuthaza iintsapho ukuba zityelele iilayibrari zendawo yabo, ukuze baboleke iincwadi ngenkathalo ngokunjalo basayinele iikhadi zelayibrari. Njengenxalenye yesi sindululo, uNal'ibali unikela ngoqeqesho nemithombo yoncedo simahla kwiingcali zelayibrari ezinomdla ekuqhubeni iiklabhu zokufunda kwiilayibrari zabo. "Abantwana badinga iindawo ezinokhuselo, nezamkelayo apho bakwaziyo ukukhetha iintlobo zamabali abafuna ukuzihlola, kanti uNal'ibali uzinikele ekubancediseni ukwenza oku," utsho uJade Jacobsohn, uMlawuli oPhetheyo we-The Nal'ibali Trust. "Sifuna ukuba abantu bakubone ukubaliswa kwamabali ngokweendlela ezichwayitisayo, nezinengqiqo."

Iilayibrari zinendima ebalulekileyo ezifanele ukuyenza ekuvuseleleni inguquko eshushu yokufunda eMzantsi Afrika. Uphando lubonisa ukuba abantwana abafundela ukuzonwabisa, benza kakuhle esikolweni. Kodwa iincwadi zingumthombo oneendleko eziphezulu nonqabileyo kwilizwe lethu. Iilayibrari zinika abantwana nabantu abakhulu izinto ezifundwayo simahla – kwaye unakho ukuzityelela rhoqo ngokuthanda kwakho!



Some of the children enjoying the show.

Abanye babantwana abonwabele umboniso.

### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Joe

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Ma Rosie's pig

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### UJoe

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlobo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### Ihagu kaMama uRosie


1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, lesi-6, lesi-7, lesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination




... tyhini, itya noROSIE NGOKU!



... and ate ROSIE TOO!

Itye umnqwazi kaRosie. Yatya nesinye isihlangu sakhe. Yaza yavula loo mlomo wayo mkhulu...



He ate Rosie's hat. He ate up one shoe. Then opened his mouth...



"Ma Rosie's pig" is one of ten stories specially written and illustrated for the *Sunday Times Storytime* book which was created for South African children. *Sunday Times Storytime* is available in English, Afrikaans, Sesotho, isiXhosa and isiZulu.



"Ihagu kaMama uRosie" lelinye lamabali alishumi abhalwe aze afakwa imizobo ukwenzela incwadi ye*Sunday Times Ixesha lamabali* neyilelwe abantwana baseMzantsi Afrika. I-*Sunday Times Ixesha lamabali* ifumaneka ngesiNgesi, isiAfrikansi, iSesotho, isiXhosa nesiZulu.

**Sunday Times**

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



**Drive your imagination**

## Ma Rosie's pig Ihagu kaMama uRosie



Wendy Hartmann  
Joan Rankin  
Nkululeko Ndiki







BUT...he ate one more thing AND EXPLODED...  
KODWA...!phinde yatya enye into YAZE YADUBULA...

Then put up a sign ...



Waza waxhoma uphawu oluthi...



The next thing he ate ...  
Well, what do you think?  
He swallowed the soap, the bath and the sink.

Into elandelayo eyityileyo ...  
Em, ucinga ukuba inokuba yintoni?  
Iginye isepha, ibhafu kunye nesinki.

“Watch out!” said the man. “I know he looks sweet, but all that pig does, is eat, eat and eat!”

“This pig will be fed twice every day,” said Mama Rosie as she walked away.

“Uze ulumke ke!” itshilo le ndoda. “Ndiyazi ikhangeleka ilulamile, kodwa konke okwaziwa yiloo hagu kukutya, okokoko nje iyatya!”

“Le ihagu iza kuphiwa ukutya kabini ngemini,” utshilo uMama uRosie eshiya ngasemva le ndoda.







... then stomped up the stairs.  
... emva koko igindize yenyuka  
amanqanqwa ukuya  
kwigumbi eliphezulu.

But when she got home and opened the gate,  
the pig took one look and that’s what he ate.

Kodwa uthe nje xa avula isango ukufika kwakhe  
ekhaya, ihagu yatya kwa into yokuqala nje ethe  
yabeka iliso kuyo.



Out popped Ma Rosie, the books and the gate  
and everything else that greedy pig ate.  
The soap and the slippers and Rosie’s one shoe.  
Also (*thank goodness*) the bath popped out too.

She cleaned up the mess.

Wakucoca konke oko kungcola.



She washed cat and mouse.

Waza wahlamba ikati kunye nempuku.






imigca erhogqiziweyo egosogoso –

wiggly squiggly lines –



Imigca eth e ngqo emininzi,

Straight stripy lines,



namachokoza amaninzi ayimibalabala.

and lots of colourful dots.



unxantathu omthubi,

a yellow triangle,



We publish what we like

This is an adapted version of *Joe*, published as a box set of 4 stories, called, *Little Hands Books 4*, by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiZulu, isiXhosa, English, Afrikaans, Setswana, Sesotho, Sepedi, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Olu luguqulelo olulungisiweyo elithi *UJoe*, elishicilelwe lwayisethi yamabali amane abizwa, *lincwadi zezandla ezincinci 4*, zeJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiZulu, isiXhosa, isiNgesi, isiAfrikansi, iSetswana, iSesotho, iSepedi, iSiswati, iXitsonga, iTshivenda nesiNdebele. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



# Joe uJoe




Niki Daly




Joe loves to paint.

UJoe uyakuthanda ukupeyinta.

A cartoon illustration of a young boy named Joe with brown skin, wearing a blue and white striped shirt, blue shorts, and a red and yellow pointed hat. He is holding a paintbrush and a palette, standing on a red surface. Several paint cans are on the floor. A small white dog with brown spots is sitting next to a potted plant with colorful flowers.


Isikwere esibomvu,

A red square,

A solid red square with a slightly textured, hand-painted appearance.


Isikwere esibomvu,

A blue circle,


A solid blue circle with a slightly textured, hand-painted appearance.

Isangqa esibhlovu,

Joe's wonderful paintings.

Two colorful, abstract paintings. The one on the left features a yellow triangle, a red circle, and a blue circle on a background of orange, green, and pink. The one on the right features a red triangle, a black circle, and a yellow circle on a background of orange, green, and pink. A small white dog with brown spots is sitting next to a potted plant with colorful flowers.

imizobo kaJoe emangalisayo.

A cartoon illustration of Joe painting a dog on a canvas. The dog is white with brown spots and a red collar. Joe is wearing a blue and white striped shirt, blue shorts, and a red and yellow pointed hat. He is holding a paintbrush and a palette. A small white dog with brown spots is sitting next to a potted plant with colorful flowers.





Kuphume uMama uRosie ngaphandle,  
iincwadi nesango kunye nayo yonke enye into  
etyiwe yila hagu ingahluthiyo. Isepha kunye  
neziliphazi kwakunye nesiya sihlangu sinye  
sikaRosie. Kananjalo (ngethamsanqa elikhulu)  
nebhafu nayo yaphuma ngaphandle.



fixed curtains and books and polished the floors.  
lulungisa iikhetini neencwadi kwaye  
lupolisha nemigangatho.



He crunched up the books ...  
Ikramza kwancwadi nje eyibonayo ...


He gobbled the cat.

Nantso ibimbiliza ikati.




He slurped down the mouse.

Tyhini, iyishwamzile nempuku.









He munched all the curtains, the tables,  
the chairs.

He chewed Rosie’s door and walked into  
the house.

Ngoku ikrukrutha ucango lukaRosie  
ukuze ingene endlwini.



Poor Rosie scrubbed chairs,

wiped windows and doors,

losula iifestile neengcango,





## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Ma Rosie's pig* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *Joe* (pages 9 and 10) and *The worst birthday ever* (page 14).



### Ma Rosie's pig

- ☉ Do you know other stories about pigs? Read them or tell them!
- ☉ Write a warning note that the man could have given Ma Rosie when he sold her the pig. What advice might he have given to help her look after the pig – and everything else? (Make sure that none of your suggestions would harm the pig or be unkind to it.) You could include some pictures to help explain your advice.
- ☉ Use recycled materials (like egg boxes, bottle tops, plastic bottles, cardboard boxes and cardboard toilet rolls) together with glue, paint and paper to create your own pig.



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Ihagu kaMama uRosie* (iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11 nele-12), *UJoe* (iphepha le-9 nele-10) nethi *Olona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi* (iphepha le-15).



### Ihagu kaMama uRosie

- ☉ Akhona amanye amabali owaziyo malunga neehagu? Wafunde okanye wabalise!
- ☉ Bhala amazwi esilumkiso indoda ebifanele ukuwanika uMama uRosie xa ibimthengisela ihagu. Leliphi icebiso engeyinnike lona ukumnceda ukuba akwazi ukwalusa ihagu – nayo yonke enye into? (Qiniseka ukuba akukho naziphi na kwizimvo zakho ezinokwenzakalisa ihagu okanye zibe gadalala kuyo.) Unokuquka imifanekiso ethile ekuncedisa ngokuchaza icebiso lakho.
- ☉ Sebenzisa izinto ezihlaziyiweyo (ezifana neebhokisi zamaqanda, iziciko zeebhotile, iibhotile zeplastiki, iibhokisi zekhadibhodi neekhadibhodi zamaphepha asetshayilethi) kunye ngegulu, ipeyinti nephepha ukuze wenze eyakho ihagu.

### Joe

Look at Joe's paintings on pages 6 and 7. Can you find all the things that he painted on pages 3 to 5 in his paintings on pages 6 and 7? Now try drawing or painting your own pictures using the things on pages 3 to 5!



### UJoe

Jonga imisebenzi yokupeyinta kaJoe kwiphepha lesi-6 nelesi-7. Uyazifumana zonke izinto azipheya kwiphepha lesi-3 ukuya kwelesi-5 kwimisebenzi yakhe yokupeyinta kwiphepha lesi-6 nelesi-7? Ngoku zama ukuzoba okanye ukupeyinta imifanekiso yakho ngokusebenzisa izinto ezikwiphepha lesi-3 ukuya kwelesi-5!



### The worst birthday ever

- ☉ On your own: Write your own real or imaginary story about an event in the past involving your friends or family members.
- ☉ With friends or family members: Pretend that it is a few years after the end of the story and you are helping Thando make a TV programme about her life. Write down the questions an interviewer might ask Thando, her mother and Santie about what happened in the story. For example, "Santie, how did you feel about living with your aunt and Thando?" Decide who will pretend to be the interviewers and the different characters from the story. Interview the characters using the questions you wrote together.



### Olona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi

- ☉ Uwedwa: Bhala ibali eliyinyaniso okanye eliqikelelweyo uwedwa ngesiganeko esidlulileyo esibandakanya abahlobo bakho okanye amalungu osapho.
- ☉ Unabahlobo okanye amalungu osapho: Yenza ngathi yiminyaka embalwa emva kwesiphelo sebali kwaye uncedisa uThando ukuba enze inkqubo yeTV ngobomi bakhe. Bhala phantsi imibuzo enokubuzwa uThando, umama wakhe noSantie ngumphathi wodliwanondlebe malunga nokwenzeke ebalini. Umzekelo, "Santie, uzive njani ngokuhlala nomakazi wakho kunye noThando?" Yenza isigqibo ngokuba ngoobani abaza kudlala indima yokuba ziinkokeli zodliwanondlebe kunye nabalinganiswa abahluka-hlukileyo ebalini. Yiba nodliwanondlebe nabalinganiswa ngokusebenzisa imibuzo eniyibhale kunye.



# The worst birthday ever

By Zukiswa Wanner ■ Illustrations by Magriet Brink



Hi, my name is Thando. That's isiZulu for love. My mama says it is because she loves me so much. I live with my mum, my cousin Santie, and my aunt Sallie. Santie and her mum just moved into our place two weeks ago. Auntie Sallie is my mum's younger sister. This is the first time I have met her because I overheard Gogo saying her husband did not want her to visit us. They used to live in Mpumalanga before moving to Johannesburg to stay with us. Mum says Auntie Sallie had domestic issues so they had to come and stay with us. She never told me what the domestic issues were.

Santie is the same age as me. Well, no actually, I am four months older.

"Three months and twenty days!" Santie yells out.

"That's four months either way, silly," I say.

"No, it isn't!" she answers back.

As you can see Santie is very argumentative. I do not know why she likes to argue. It's not even her house. So, as I was saying, and I need to whisper this so she doesn't interrupt, "I am four months older than her."

Today is Santie's 11th birthday. My mum says she is going to make it special. Auntie Sallie will be working this evening. She just started waiting on tables at a restaurant in Sandton and could not get a night off. So my mum is taking us to the movies to watch *Jack of the Bushveld*.

I hope it will be fun. We cannot wait. Or rather, I cannot wait. Today has not been fun so far. Anytime I want to play a game and Santie wants to play something else, we have to do what she wants. My mum says I have to play what Santie wants because it is her birthday. I have tried to suggest playing something else, but Santie always screams so that my mum can hear, "But it's my birthday!" I hope next time she has a birthday, she is not here.

After we have had a bath and it is almost time to go to the movies, Mum says she has a present for Santie and me. She has bought us dresses and shoes to wear to the movies. She says it is so that we can look like ladies. That is so lame. Like, why didn't she buy us jeans or something? Santie's dress is like mine, but it is red and mine is yellow. Then we both have the same pair of shoes except her pair is red and mine is yellow. I hate dresses. Santie loves dresses.

"Mum? We are eleven, not seven!" I say to Mum because I am embarrassed at the matching outfits.

My mum looks at me and says, "Wena, Thando, is that a way to say thank you? I will take that dress back to the shop and you will not go to the movies with us. Why can't you be polite like Santie and just say thank you?"

So I say, "Thank you," under my breath.

My mum looks at me and says, "I didn't hear you."

And I say again loudly, "I said THANK YOU."



"That's better. Now go and change," she says. I see Santie smiling and pulling her tongue at me behind my mum's back. I wish I could pinch her. She is so annoying.

We finish dressing up. I really hate this dress, and my mum says, "Let's go girls." We follow her.

When we get in the taxi to go to the movies, the taxi driver says, "What beautiful daughters you have, Madam." So I smile although I know I am better looking than Santie. But then I get upset because he asks my mother, "Are they twins?"

And just as I am about to say no, we are just cousins, my mum says, "No, they are just sisters." She is not my sister. She is my cousin!

We get to the movies and I hope I do not see anyone I know from my school.

And then it happens.

As we are waiting for my mum to buy tickets, I see this cute boy that I like in my class. Siya is walking with his best friend Sam and also going into the movies.

He says to me, "Well hello, Thando, aren't you too old to be dressed in matching outfits?"

You see what I mean? I wish the floor could just open up and swallow me.

"What's that to you? You are just a stupid boy who does not know fashion!" Santie answers.

OMG, why did she do that?

"Yes, whatever, Thando's 'twin'," he says and both he and Sam high five each other and start laughing while pointing at us.

I nudge Santie and say, "What is wrong with you? Why did you have to do that?"

"He was being mean to you. I was just helping you," she answers.

"Thanks a lot! I did not ask for your help. Siya is the cutest guy in my class and now I will be the class joke," I say angrily.

"Is he your boyfriend?" she says rolling her eyes.

"Of course not," I say. I wish he was my boyfriend, but now he will never be, thanks to her big mouth.

"Oh oh, Thando's got a boyfriend, Thando's got a boyfriend ..." she chants.

It is at that moment that my mum comes back and asks Santie, "What's that, Sweetie?"

And Santie says, "Nothing, Auntie. Thando and I were just joking."

And my mum says, "Okay," and hands each of us a box of popcorn, a soda and some Smarties.

"Thank you so much, Auntie, this is the best birthday ever," Santie says kissing my mum's cheek.

My mum smiles and says, "Oh darling, it's nothing. I promise to make next year even better."

Kill me now. This is the worst birthday ever. And it is not even my birthday. Also, Santie is going to be here next year?

When I grow up I want to be a documentary film maker. I am not sure exactly what they do, but a woman who came to our school said that she was one, and it sounded very cool. She said she records stories. So I am recording this story so that when Santie is grown up, she too will remember that this was the worst birthday ever!



Drive your  
imagination





# Olona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi

Libali likaZukiswa Wanner ■ Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink  
■ Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile

Indawo  
yamabali



Molweni, igama lam ndinguThando. Umama uthi wandithiya eli gama kuba undithanda kakhulu. Ndihlala nomama, ukanina wam uSantie, kunye nomakazi wam uSallie. USantie kunye nomama wakhe baqale ukuhlala nathi kwiiveki ezimbini ezidlulileyo. Umakazi uSallie ngudade bomama omninane. Ndiyaqala ukumbona oko ndazalwa kuba ndeva uMakhulu esithi umyeni wakhe akafuni asindwendwele. Babehlala eMpumalanga phambi kokuba baze kuhlala nathi eRhawutini. Umama uthi umakazi uSallie waba neengxaki ekhaya ngoko ke kwafuneka ukuba beze kuhlala nathi. Akazange andixelele ukuba yayiziingxaki zekhaya zantoni na ezo.

Siyalingana ngeminyaka noSantie. Hayi kodwa, asilingani ncam, mna ndimshiya ngeenyanga ezine.

"Zinyanga ezintathu neentsuku ezingamashumi amabini!" ukhwaze watsho uSantie.

"Hayi suka, iyafana loo nto nje neenyanga ezine, geza ndini," kutsho mna.

"Hayi ayifani tu!" uphendule ngelitshoyo.

Njengokuba nawe uzivela uSantie uyakuthanda ukuphikisana nabanye. Andazi ukuba kutheni enamaphike kangaka. Akukho nakowabo apha. Bendisatsho ke, futhi ngoku kufuneka ndisebeze ukuze angandiva aphazamise kwakhona, "Ndimdala ngeenyanga ezine kuye."

Namhlanje lusuku lokuzalwa lukaSantie. Uggiba iminyaka eli-11. Umama uthi uza kulwenza lube lusuku olukhethekileyo. Umakazi uSallie uyaphangela ngokuhlwanje. Usandul' ukuqeshwa njengeweyitla kwiresty yaseSandton kwaye akakwazi ukufumana ikhefu lasebusuku. Ngoku ke ngumama oza kusisa kwimiboniso-bhanyabhanya ukuze sibukele othi *Jock of the Bushveld*.

Ndiyathemba ukuba kuza kuba mnandi. Asikwazi kulinda. Gxebe mandithi, andikwazi kulinda. Namhlanje, ukuza kuthi ga ngoku, akukhange kube mnandi. Ngalo lonke ixesha ndifuna ukudlala umdlalo othile, uSantie ufuna ukudlala omnye, kwaye kufuneka senze into efunwa nguye. Umama uthi mandidlale loo onto ifunwa nguSantie kuba lusuku lwakhe lokuzalwa. Ndizamile ukucela ukuba sidlale omnye umdlalo, kodwa uSantie uvele wakhalala ukuba aviwe ngumama esithi, "Kodwa lusuku lwam lokuzalwa nje!" Ndinethemba lokuba ngosuku lwakhe lokuzalwa olulandelayo uyakuba sele engasekho apha.

Emva kokuba sigqibile ukuhlamba kwaye sele ilixesha lokuya kwimiboniso-bhanyabhanya, umama uthi unesipho sikaSantie nesam. Usithengele ilokhwe nezihlangu ukuze sizinxibe xa sisiya kwimiboniso-bhanyabhanya. Uthi oko ukwenzele ukuze sikhangeleke njengamanenekazi. Wowu ayabi sabaphantsi nje loo nto. Kutheni engasithengelanga iijini okanye ezinye iimpahla? Ilokhe kaSantie iyafana neyam, kodwa ibomvu lo gama eyam imithubi. Kwakhona sifake izihlangu ezifanayo, qha ezakhe zibomvu ze ezam zibe mthubi. Ndiyazicaphukela ilokhwe. USantie uyazithanda ilokhwe.

"Mama? Sineminyaka elishumi elinanye, hayi esixhenxe!" nditshilo kumama kuba ndineentloni zezi mpahla zifanayo.

Umama wandijonga wathi, "He wena Thando, yindlela othi enkosi ngayo leyo? Ndakuyithatha loo lokhwe ndiyibuyisele evenkileni kwaye akuyi kuhamba nathi ukuya kwimiboniso-bhanyabhanya. Kutheni ungaqwebi imbeko nje, ufane noSantie uthi enkosi?"

Ngoko nangoko ndiye ndathi, "Enkosi," ndithethela phantsi.

Umama wandijonga wathi, "Andikuvanga!"

Ndiye ndakhwaza ndathi, "Ndiithe ENKOSI."



"Kwangcono ke. Ngoku hamba uyokutshintsha," utshilo. Ndibona ngoSantie encumile ending'ong'ozela emva komama. Ingathi ndingakhe ndimtswebe. Uyandicaphukisa.

Siye sagqiba ukunxiba. Ndiyicaphukela ngokwenene ke le lokhwe, wabe umama sele esithi, "Masihambeni mantombazana." Siyamlandela.

Xa singena eteksini sisiya kwimiboniso-bhanyabhanya, umqhubi weteksi uthi, "Azisente ngako iintombi zakho, Nkosikazi." Nako ke ndincuma nangona ndisazi nje ukuba ndikhangeleka ngcono kunoSantie. Kodwa ndiye ndakhathazeka kuba ubuze kumama esithi, "Ingaba ngamawele?"

Xa kanye ndiza kuthi hayi, asingomawele, umama wathi, "Hayi, ngumntu nodade wabo nje kuphela." Akangodade wethu. Ngukanina wam!

Sifikile kwimiboniso-bhanyabhanya kwaye ndithemba ukuba andisayi kubona namnye endimaziyo ovela esikolweni sam.

Yehla ke inkathazo.

Njengokuba silinde umama ukuba athenge amatikiti, ndibone le nkwenkwe inomtsalane nendiyithandayo yaseklasini yam. USiya uhamba nomhlobo wakhe osenyongweni uSam, kwaye nabo baze kubukela imiboniso-bhanyabhanya.

Uthi kum, "Tyhini molo Thando, anikho badala na ukunxiba iimpahla ezifanayo?"

Uyayibona ke le nto bendiyithetha? Ndanga ndingathi vuleka mhlaba ndingene.

"Uyintoni ke wena kuloo nto? Usisidenge senkwenkwe esingazinto ngefashoni!" waphendula uSantie.

Owu Nkosi yam, kutheni esenza le nto nje?

"Yha, akunamsebenzi nokuba uthini na 'wele' likaThando," utshilo waze yena noSam babethana ngezandla baqalisa nokuhleka besolathisana ngathi.

Ndingqinibe uSantie ndathi, "Yintoni ingxaki yakho? Ibikho imfuneko yaloo nto?"

"Ebekugezela. Mna bendisithi ndiyakunceda," uphendule watsho.

"Enkosi kakhulu! Khange ndicele ncedo kuwe. USiya yeyona nkwenkwe inomtsalane eklasini yam kwaye ngoku ndiza kuba yintlekisa," nditshilo ngomsindo.

"Ingaba sisingqandamathe sakho?" ubuzile egungquzisa amehlo.

"Hayi akasiso," nditshilo. Ndingwenela ukuba abesisingqandamathe sam, kodwa ngoku akasoze abe saba siso, ngenxa yaloo mlomo wakhe mkhulu.

"Nye-nyenye-nye-nye, uThando unesingqandamathe, uThando unesingqandamathe ... " ucu le loo ngoma.

Ngawo loo mzuzu kanye kwabe sekufika umama, wabuza kuSantie, "Yintoni leyo, Sithandwa?"

USantie uphendule wathi, "Asiyonto, Makazi. UThando kunye nam besiqhulana nje."

Umama uthi, "Kulungile," waza wasinika omnye nomnye ibhokisi yepopkhoni, isiselo kunye neeSmarties.

"Enkosi kakhulu, Makazi, olu lolona suku lwam lokuzalwa lumnandi," utshilo uSantie ephuza umama esidleleni.

Umama uye wancuma wathi, "Owu sithandwa sam, asiyonto nje le. Ndiyathembisa ukuba kulo nyaka uzayo ndiya kwenza ngcono kunoku."

Kuthi mandife. Olu lolona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi. Kwaye asilulo nolwam. Kanti uSantie useza kuba lapha nakulo nyaka uzayo?

Xa ndikhulile ndifuna ukuba ngumenzi wemiboniso-bhanyabhanya ebonisa izinto njengoko zinjalo, iidokhthumentari. Andiqinisekanga ukuba benza ntoni kanye kanye, kodwa inenekazi ebelindwendwele esikolweni lithe lingumenzi wolu hlobo lwemiboniso-bhanyabhanya kwaye oko kuvakele kumnandi kum. Uthe ushicilela amabali. Ngoko ke nam ndishicilela eli bali ukuze xa uSantie ekhulile, abe nokukhumbula ukuba olu yayilolona suku lokuzalwa lwakhe lwalubi!



Drive your  
imagination

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

1.

Follow the instructions to make a friendship card for a special friend.

- ① Cut out the card along the red dotted line.
- ② Fold the card along the black dotted line.
- ③ Glue the two parts together.
- ④ On the side with the picture, write a message to your friend. Colour in the picture.
- ⑤ On the other side, draw a picture of you and your friend together, or write a poem or a longer message.

**Landela imiyalelo ngokwenzela umhlobo oyedwa ikhadi yobuhlobo.**


- ① Sika ikhadi ulandela umgca wamachaphaza abomvu.
- ② Songa ikhadi ulandela umgca wamachaphaza amnyama.
- ③ Namathelisa amacala amabini kunye.
- ④ Kwicala elinomfanekiso, bhalela umhlobo wakho umyalezo. Faka umbala emfanekisweni.
- ⑤ Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho nowomhlobo wakho nikunye, okanye bhala umbongo okanye umyalezo othande ukuba mde.



2.

Neo has invited his friends to join him for a picnic! Help them find their way to the picnic.

**UNeo umeme abahlobo bakhe ukuba baye naye epikinikhini! Bancedise ukuze bafumane indlela yabo eya epikinikhini.**



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nabelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

